DRAKENSTEIN
MUNISIPALITEIT • MUNICIPALITY • UMASIPALA
Paarl | Wellington | Gouda | Saron | Simondium

# ICandelo14 leManyuwali (Ngokuhambela noMthetho 2 wama-2000 wokuKhuthazwa kokuFikelela kwiNgcaciso nokuhlangatyezwa koMthetho, 2013 wokuKhuselwa kweNgcaciso yoMntu)

**Umhla wokwamkelwa**

**/ Uvavanyo liBhunga ngomhla wama-**

28 kuJulayi 2021

**UMhla wokuMiliselwa**

1 kuJulayi 2021

**ISayinwe nguMphathi weSixeko**

**Utyikityo umhla**

28 kuJulayi

**OKUQULATHIWEYO** **Amaphepha**


1. Intshayelelo 3

2. Inkcazelo yamaCandelo kaMasipala kunye neMisebenzi [ICandelo 14 (l)(a)] 4

3. Iinkcukacha zoqhagamshelwano zeGosa leNgcacisokaMasipala/uSekela AmaGosa eNgcaciso [iCandelo 14 (1) (B)] 6

4. **Isikhokhelo ngendlkela yokusetyenziswa koMthetho (iCandelo 10)** 7

5. **Isicelo sofikelelo sokufikelela kwirekhodi kaMasipala [iCandelo 14(1)(d)]** 7

   5.1 Inkcazelo yezihloko namacandelo eerekhodi ezigcinwe nguMasipala waseDrakenstein 7

   5.2 Inkcazelo yeeNkonzo ezifumanekayo [iCandelo 14 {1} (f)] 9

   5.3 Indlela yokufumana ingcaciso 13

   5.4 Ukufumaneka okuzenzekelayo kweerekhodi ezithile [iCandelo 14(1)(e)] 14

   5.5 Uncedo olufumanekayo lokuthatyathwa kwamanyathelo okanye intsilelo yokuthatyathwa kwamanyathelo nguMasipala [iCandelo14(1)(h)] **14**

6 **Amalungiselelo avumela ukuthatyathwa kwenxaxheba/ukubandakanywa koluntu [iCandelo 14(1)(g)]** 15

7 Ukuhlaziywa nokufumaneka kweCandelo 14 leManyuwali 15

8 UMthetho wokuKhuselwa kweNgcaciso yoMntu (POPIA) 16

9 Ukuqukumbela: INgcaciso ngokuBanzi 22

## IZIHLOMELO

Isihlomelo A: Ifomu yesicelo;

Isihlomelo B: Imirhumo ehlawulweyo;

Isihlomelo C: Ifomu yezibheno yangaphakathi;

Isihlomelo D: Ukufumaneka okuzenzekelayo kweerekhodi nokufikelela kwiiekhodi ezinjalo;

Isihlomelo E: Inkcaso kwindlela yokuQwalaselwa kweNgcaciso yoMntu ngokuhambelana neCandelo 11(3) loMthetho wokuKhuselwa kweNgcaciso yoMntu, wama-2013 (iyafumaneka xa iceliwe); kunye

Isihlomelo F: RIsicelo soLungiso okanye sokuCinywa kweNgcaciso yomntu okanye ukuCinywa kweNgcaciso yoMntu ngokuhambelana neCandelo 24(1) loMthetho wokuKhuselwa kweNgcaciso yoMntu, 2013 (iyafumaneka xa iceliwe).

## 1. INTSHAYELELO

1.1 UMthetho 2 wama-2000 wokuKhuthazwa kokuFikelela kwiNgcaciso unceda kwilungelo loluntu lokufumana ingcaciso ekumaqumrhu karhulumente nawangasese njengoko liqulunqwe kwicandelo 32 loMgaqo-siseko nokuqhubela phambili nokugxila kakhulu kuphuhliso lolawulo olulungileyo lwequmrhu.

1.2 UMasipala waseDrakenstein (ekubhekiselelwe kuye apha njengoMasipala) uthathela ingqalelo yaye uzibophelele ekuzalisekiseni izigunyaziso zakhe zomgaqo-siseko.

1.3 UMasipala uqondisa into yokuba ilungelo lokufikelela nakuyiphi na ingcaciso ekulawulo lukaMasipala isenokunganeli kangangokuba ukunyinwa oko kube kokwamkelekileyo yaye kunesizathu kubume obuvulelekileyo nobedemokhrasi obusekwe kwisidima somntu, kukulingana nakwinkululeko njengoko bucamngcwe kwicandelo 36 loMgaqo-siseko nanjengoko buchazwe kwiCandelo 2, iSahluko 4, soMthetho wokuKhuthazwa kokuFikelela kwiNgcaciso.

1.4 Le manyuwali iqulunqelwe uMasipala waseDrakenstein Municipality and is a ngokuhambelana necandelo 14 loMthetho wokuKhuthazwa kokuFikelela kwiNgcaciso, 2000 (uMthetho 2/2000), ekubhekiselelwe kuwo apha "njengoMthetho". Lo mthetho unceda

ilungelo loluntu lokufikelela kwingcaciso ephuma kumaqumrhu karhulumente nawangasese njengo equlathwe kwicandelo 32 loMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika. Enye yeenjongo zoMthetho kukukhuthaza ulawulo oluphandle, oluthabatha uxanduva nolusebenzayo.

1.5 Injongo yemanyuwali:

1.5.1 Kukunceda abantu okokuba basebenzise amalungelo abo ngokuhambelana noMthetho.

1.5.2 Kukuyila ingqiqo ngemisebenzi eyenziweyo kunye neerekhodi ezigciniweyo nguMasipala waseDrakenstein.

1.5.3 Kukunceda ekukhuthazeni ubume bokuba phandle, bokuthatythwa koxanduva nokukhuthazwa kokuthatyathwa kwenxaxheba.

1.5.4 Kukukhuthazwa ngamandla koluntu apho abantu banofikelelo ngamandla kwingcaciso ukubanceda okokuba bawasebenzise ngokupheleleyo yaye bawakhusele onke amalungelo abo.

1.5.5 Ukubandakanywa kunye/okanye ukulungiswa kweemfuno zoMthetho wokuKhuselwa kweNgcaciso yoMntu, 2013 ("POPIA") nokubambelela kuwo. Ingakumbi kukucalulwa kwenjongo ekunokuqwalaselwa kuyo ingcaciso yomntu, inkcazelo yezihloko zedatha apho aqwalasela kuzo uMasipala ingcaciso yomntu ngokunjalo namacandelo engcaciso yomntu njengoko ibhekiselele kwizihloko zedatha kunye nabaxhamli ekunokunikezelwa kubo ingcaciso yomntu. Oku ngoko ngesizathu sokokuba uMasipala eliqela elinoxanduva kwiinjongo zePOPIA.

1.6 Ngokuphathelele kwiPOPIA iinkcazelo ezilandelayo kufuneka ziqatshelwe:

1.6.1 I-POPIA ithetha uMthetho wokuKhuselwa kweNgcaciso yoMntu, 2013.

1.6.2 Ulawulo lwePOPIA luthetha ukulawulwa njengoko kuqulunqwe ngokuhambelana neCandelo 112(2) lePOPIA.

1.6.3 Imiqathango elungiselelwe ukuqwalaselwa okusemthethweni ithetha loo miqathango njengoko yandlalwe kwiSahluko 3 sePOPIA kulungiselelwa ukuqwalaselwa okusemthethweni kwengcaciso yomntu.

1.6.4 Isihloko sedatha sinentsingiselo njengoko ichazwe kwicandelo 1 lePOPIA.

1.6.5 Ingcaciso yomntu inentsingiselo njengoko ichazwe kwicandelo 1 lePOPIA.

1.6.6 Ukuqwalaselwa kunentsingiselo njengoko kuboniswe kwicandelo 1 lePOPIA.

1.6.7 Iqela elinoxanduva linentsingiselo njengoko iboniswe kwicandelo 1 lePOPIA.

1.6.8 Irekhodi inentsingiselo njengoko kuboniswe kwicandelo 1 lePOPIA yaye ibandakanya ingcaciso yomntu.

1.7 Imiqathango ephantsi yokuqwalaswelwa okusemthethweni kwengcaciso yomntu nguMasipala, iqela elinoxanduva, lichazwe kwiSahluko sesi-3 sePOPIA. Le akunakunxaxhwa kuyo ngaphandle kokuba unxaxho luyasetyenziswa njengoko kubonisiwe kwiPOPIA.

## 2. INKCAZELO YAMACANDELO KAMASIPALA KUNYE NEMISEBENZI [ICANDELO 14(1)(a)]

2.1 UMasipala waseDrakenstein wasekwa ngomhla wesi-5 kuDisemba 2000 ngokuhambelana nePN 487 yomhla wama-22 kuSeptemba 2000 yaye uqulathe amaBhunga eNgingqi eThutyana asePaarl, eWellington naseSaron, yaye ubandakanya iidolophu eyaseGouda neyaseHermon.

2.2 ULawulo loMasipala waseDrakenstein uqukanisa amasebe alandelayo:

2.2.1 I-Ofisi yoMphathi weSixeko;
2.2.2 ISebe leeNkonzo zoBunjineli;
2.2.3 IiNkonzo zeSebe lamaQumrhu;
2.2.3 ISebe leeNkonzo zeMali;
2.2.4 ISebe leeNkonzo zoLuntu; kunye
2.2.5 neSebe loCwangciso noPhuhliso.

2.3 Amagunya nemisebenzi yoMasipala waseDrakenstein anikezelwe kuye ngokhambelana necandelo 156 nelama-229 loMgaqo-siseko yaye alawulwa ngaphezulu nguMthetho kaMasipala: wamaCandelo kaMasipala, onguNombolo 117 we-1998, uMthetho kaMasipala, weeNkqubo zikaMasipala onguNombolo 32 wama-2000noMthetho kaMasipala: woLawulo lweMali kaMasipala, uMthetho onguNombolo 56 wama-2003, kunye nomnye umthetho osebenzayo.

2.4 Ukuthatyathwa kwesigqibo kwesixeko kuqhutywa liBhunga likaMasipala kunye noSodolophu weSigqeba, kunye noMphathi weSixeko naBalawuli beSigqeba aba-5 abanamagunya abawanikwe kwakuqala nalawo anikezelwe okwethutyana

ngokuhambelana nomthetho.

2.5 Amagunya nemisebenzi yoomasipala ngokuhambelana nezibonelelo zoMgaqo-siseko anjengoku kulandelayo:

2.5.1 Umasipala unesigunyaziso sesigqeba ngokuphathelele, yaye unelungelo lokumilisela:

a) Imicimbi kamasipala idweliswe kwiCandelo B leShedyuli 4 nakwiCandelo B leShedyuli 5 yoMgaqo-siseko; kunye

b) Nawuphi na omnye umcimbi owabelwe kuye ngumthetho wesizwe okanye wephondo.

2.5.2 Umasipala ukuqulunqa ze amilisele imithetho kamasipala elungiselela ulawulo olufanelekileyo lwemicimbi anelungelo lokuyimilisela.

2.5.3 Kuxhonyekekwe kwicandelo 151 (4) loMgaqo-siseko, umthetho kamasipala othi ungqubane nomthetho wesizwe okanye nowphondo awusebenzi. Ukuba ngaba kukho ukungqubana phakathi komthetho kamasipala komthetho wesizwe okanye owephondo othe akasetyenziswa ngenxa yongqubano ekubhekiselelwe kwicandelo 149 loMgaqo-siseko, umthetho kamasipala kufuneka uthatyathwe njengosebenzayo ngesi sithuba lomthetho ungasetyenzisa.

2.5.4 Urhulumente weSizwe norhulumente wephondo unakho ukunikezela kumasipala, ngesivumelwano yaye kuxhonyekekwe nakuyiphi na imiqathango, ulawulo lomcimbi odweliswe kwiCandelo A leShedyuli 4 okanye iCandelo A leSheduyli 5 loMgaqo-siseko eliphathelelene ngokuyimfuneko kumasipala, ukuba:

a) Umcimbi unokulawulwa ngokufanelekileyo kakhulu kwingingqi; yaye

b) Umasipala unalo ikhono lokuwulawula.

2.5.5 Umasipala unelungelo lokusebenzisa nawaphi na amagunya abhekiselele kumcimbi ayimfuneko ngokufanelekileyo, okanye ahamba nomsebenzi osebenzayo yemisebenzi yakhe.

## 3. IINKCUKACHA ZOQHAGAMSHELWANO ZEGOSA LENGCACISO LIKAMASIPALA/ZESEKELA LEGOSA LENGCACISO [ICANDELO 14(1)(b)]

3.1 Iinkcukacha zoqhagamshelwano zikamasipala zinjengezi zilandelayo:

- IDilesi yeSitalato: Civic Centre, Berg River Boulevard, Paarl
- IDilesi yePosi: P.O. Box 1, Paarl, 7622
- INombolo yeMfonomfono: 021807 4500
- INombolo yeFaksi: 021810 1547 / 872 8054
- IMbalelwano ye-Imeyile: customercare@drakenstein.gov.za
- IWebhusayiti: www.drakenstein.gov.za

3.2 Iinkcukacha zoqhagamshelwanozeGosa leNgcaciso okanye iSekela leGosa leNgcaciso zinjengoku kulandelayo:

3.2.1 IGosa leNgcaciso: Umnxeba woMphathi weSixeko: 021807 4615
I-imeyile: customercare@drakenstein.gov.za

3.2.2 ISekela leGosa leNgcaciso: UMlawuli weSigqeba: Imfonomfono yeeNkonzo zeQumrhu: 021807 4601
I-imeyile: customercare@drakenstein.gov.za,

## 4. ISIKHOKHELO NGENDLELA YOKUSETYENZISWA KOMTHETHO [ICANDELO 10]

4.1 Ngokuhambelana necandelo 10 loMthetho, iKhomishoni yamaLungelo aBantu kufuneka iqulunqe isikhokhelo esiqulathe ingcaciso enjalonjengoko inokufuneka ngokufanelekileyo ngumntu othanda ukusebenzisa naliphi na ilungelo elicamngcwe kuMthetho. Esi sikhokhelo siyafumaneka kuluntu yaye imibuzo ngokuphathelele kwisikhokhelo inakho ukuthunyelwa:

*KwiKhomishini yemaLungelo aBantu yoMzantsi Afrika*

*IYunithi **PAIA***

*KwiSebe loPhando nokuQulunqwa kwamaXwebhu Private*

*Bag X2700*

*Houghton*

*2041*

*IMfonomfono: (011) 877 3803*

*IFaksi: (011} 403 0668*

*IWebhusayiti:*

*www.sahrc.org.za*

*I-Imeyile: paia@sahrc.org.za*

## 5. ISICELO SOKUFIKELELA KWIREKHODI KAMASIPALA [ICANDELO 14(1)(d)]

### 5.1 Inkcazelo yezihloko namacandelo eerekhodi ezigcinwe nguMasipala waseDrakenstein

UMasipala waseDrakenstein ugcina irekhodi yayo yonke imbalelwano, iiplani zezakhiwo, iimaphu zocwangciso lwedolophu kunye nengcaciso ephathelelene nazo zonke iinkonzo. Iirekhodi zigcinwa phantsi kwamacandelo abanzi:

5.1.1 UMthetho;
5.1.2 UMbutho noLawulo;
5.1.3 IMicimbi eyeyeBhunga kunye neBhunga;
5.1.4 Abasebenzi;
5.1.5 EzeMali;
5.1.6 Izibonelelo zangaphakathi, iinkonzo;
5.1.7 IZakhiwo zeBhunga neZiza;
5.1.8 IiThenda, iiKowuti & neZivumelwano;
5.1.9 IiNgxelo kunye neziBuyisiweyo;
5.1.10 UPapasho neNgcaciso;
5.1.11 IMinyhadala nokuHlangana koLuntu;
5.1.12 Ukuqulunqwa kweentlanganiso zamaqumrhu nezinye iintlangano;
5.1.13 ULawulo lwezoMthetho;
5.1.14 IziQinisekiso namaPhepha-mvume; kunye
5.1.15 NoCwangciso lweDolophu noLawulo.

5.1.16 IiNkonzo eziyiMfuneko

a) AManzi;

b) UMbane;

c) IMigaqo neZitalato;

d) UHanjiso lweLindle noCoceko;

e) Ukufakelwa/UkuHlaziywa kweenkozo - imimandla yasematyotyombeni;

f) IiNkonzo zokuThuthwa kweNkunkuma ;

g) AmaNgcwaba neeNdawo zokuTshiswa kweZidumbu;

h) AManzi esiKhukhula; kunye

i) I-Way Leaves.

5.1.17 IiNkonzo zoLuntu

a) EzeMpilo;

b) IZikolo;

c) ULawulo lweZithuthi;

d) IiNkonzo zeThala leeNcwadi;

e) IZindlu;

f) IiPaka, IiGadi neZithuba eziNgena nto;

g) IMidlalo, uLonwabo neNkcubeko;

h) ULawulo kwiiSayidini zeSiporo sikaLoliwe;

i) IiNkonzo zoMlilo;

j) ISikithi sikaMasipala;

k) EzeNtlalo-ntle;

l) EzeNkolo neZakhiwo zeeNkonzo;

m) AmaZiko oLondolozo lweMbali kunye nezinto ezibalulekileyo ezifanele ukukhunjulwa;

n) Ukhuseleko loLuntu/uLawulo lweNtlekele;

o) AmaHolo;

p) IiNdawo zokuKampisha;

q) Amadama kaMasipala okuqubha;

r) IiThiyetha;

s) IiNkonzo zaNgasese zoLuntu;

t) UkuPolisa koLuntu;

u) ULondolozo lweNdalo;

v) ULawulo lweNdalo; kunye

w) UPhuhliso loBuntwana lwaNgethuba.

## 5.2 INkcazelo yeenkonzo ezifumanekayo [ICANDELO 14)(1)(f)]

Njengenkcazelo ebanzi, uMasipala ngokwakaloku nje ubonelela ngeenkonzo ezilndelayo:

5.2.1 I-Ofisi yoMphathi weSixeko

a) ICandelo: UNxibelelwano nokuThengisa

b) ICandelo: ULawulo lweNgozi

- ULawulo oluHlangeneyo lweNgozi
- ULawulo lweNgozi yoRhwaphilizo

c) ICandelo: UPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi

- UPhicotho loHambelwano
- UPhicotho lokuSebenza

5.2.2 ISebe: IiNkonzo zeQumrhu

a) ICandelo: IMicimbi yaBasebenzi (ULawulo} (HR)

- UkuPhathwa kweHR kunye nokuFunwa nokuKhethwa kwaBasebenzi
- UBudlelwane eNgqeshweni, iMpilo-ntle yeMqeshwa kunye neeNkonzo z OHS
- UQeqesho noPhuhliso
- UkuSebenza kakuhle koMbutho

b) ICandelo: IiNkonzo nezoLawulo

- IiNkonzo zoMthetho (ULawulo loMthetho nePropati)
- IiNkonzo zeNkxaso yoLawulo
- UBudlelwane beHlabathi nobooRhulumente kunye neeNkonzo zeNkxaso yoMthengi (iNkxaso ye-Ofisi yezoPolitiko)

c) ICandelo: ITheknoloji yeNgcaciso noNxibelelwano (ICT)

- IMisebenzi ye-ICT neNkxaso
- I-MIS/IiNkqubo
- IUkuPhathwa kwe-ICT noLawulo

d) ICandelo: UCwangciso oluHlangeneyo loPhuhliso noLawulo lokuSebenza

- I-IDP
- UkuThatyathwa kweNxaxheba luLuntu kunye neeProjekti zeWodi
- ULawulo loMsebenzi

5.2.3 ISebe: IiNkonzo zeMali

a) ICandelo: ULawulo lweSixokelelwano SoNikezelo

- UHambelwano, iNgozi, ukuSebenza okuNika iNgxelo
- UkuHlolwa kweThenda kunye neZivumelwano
- ULawulo lweKomiti yeThenda
- ULungiselelo lwempahla nokuLahlwa
- Ezifunyenweyo

b} ICandelo: ULawulo lweNgeniso neNkcitho

- INkcitho
- INgeniso

c) ICandelo: UHlahlo Lwabiwo-mali, ii-Asethi nokuNikwa kweNgxelo yeMali

- IiNkqubo zeMali
- ULawulo loHlahlo Lwabiwo-mali noBalo-mali lweeNdleko
- Iingxelo zeMali, UkuLawulwa kokuNikwa kweNgxelo nokweMali eziNkozo
- Assets and Insurance Management Services

5.2.4 ISebe: IiNkonzo zoBunjineli

a) ICandelo: IiNkonzo zoBunjineli boKwakha

- IiNkonzo zeMigaqo, ezaManzi eSikhukhula nezoBunjineli beZithuthi
- IULawulo lweZiseko ezinguNdoqo
- IiNkonzo zaManzi
- IiNkonzo zaManzi aMdaka

b) ICandelo: IiNkonzo zoBuchule be-Elektroniki

- IMisebenzi nokuLolongwa
- UCwangciso, uYilo kunye noKwakha
- ULawulo loMbane nokuPhathwa

c) ICandelo: INkxaso yoBuchule noLawulo lweProjekti

- I-EPWP
- ULawulo lweProjekti yePMU
-

d) ICandelo: ULawulo loGutyulo lweLindle nokuLahlwa kweNkunkuma

- ULawulo lokuSebenza koGutyulo lweLindle
- AmaZiko aSebenzayo oLawulo loGutyulo lweLindle nokuLahlwa kweNkunkuma

e) ICandelo: ULawulo lweZibonelelo nokuLungiswa kwazo

- ULawulo lweZithuthi nokuLolongwa
- ULawulo lweZakhiwo nokuLungiswa
- AmaZiko amaQumrhu kunye neeProjekti

5.2.5 ISebe: UCwangciso noPhuhliso

a) ICandelo: IiNkonzo zoCwangciso

- UCwangciso lokuSetyenziswa koMhlaba nokuCandwa
- UkuLawulwa koLwakhiwo
- UCwangciso lweSithuba, lweLifa leMveli neGIS

b) ICandelo: ULawulo lweNdalo

- ULawulo lweZibonelelo zeNdalo
- INkqubo yoLawulo lweNdalo ukuBekwa kweLiso noHambelwano
- UCwangciso noZinziso

b) ICandelo: UkuKhula koQoqosho noKhenketho

- UkuKhula koQoqosho
- UKhenketho

c) ICandelo: UPhuhliso lwamaPhandle

5.2.6 ISebe: IiNkonzo zoLuntu

a) ICandelo: IiPaka, iMidlalo noLonwabo, kunye namaNgcwaba

- IiPaka
- IMidlalo noLonwabo
- AmaNgcwaba kunye neeNdawo zokuHlala ngeeholide
- IiNkqubo, iiProjekti nokuLolongwa koMatshini oMncinane

b) ICandelo: Ukhuseleko loLuntu

- UkuNyanzeliswa koMthetho weZithuthi nokuNikezelwa kwamaPheph mvume
- IiNkonzo zoMlilo, uHlangulo noLawulo lweNtlekele
- UkuNyanzeliswa koMthetho kaMasipala noKhuseleko

c) ICandelo: IiNkonzo zoPhuhliso loLuntu nezeThala leeNcwadi neNgcaciso

- UPhuhliso LoLuntu
- IiNkonzo zeThala leeNcwadi neNgcaciso

d) ICandelo: IiNkonzo zeStokhwe sokuRentwa nezeNkxaso

- IiStokhwe sokuRentwa
- IiNkonzo zeNkxaso noLawulo lweBango

e) ICandelo: IiProjekti zeZindlu neNkxaso yoBuchule

- IiProjekti zeZindlu
- INkxaso yoBuchule yeeProjekti zeZindlu

## 5.3 Indlela yokufumana ukufikelela kwingcaciso

Kwimeko apho ilungu loluntu lithe lafuna ingcaciso kuMasipala waseDrakenstein ngokuhambelana nezibonelelo zoMthetho wokuKhuthazwa kokuFikelelwa kwiNgcaciso, 2000, inkqubo elandelayo kufuneka ilandelwe:

5.3.1 Isicelo kufuneka senziwe ngokubhaliweyo kwifomu echaziweyo ebhalelwe kuMasipala kwidilesi (kwi-imeyile okanye ikopi esephepheni) njengeko idweliswe kumhlathi wesi-3 apho. Ifomu echaziweyo incanyatheliswe **njengeSihlomelo A.**

5.3.2 ISicelo kufuneka sichaze ngokucacileyo ukuba yiyiphi ingcaciso edingekayo ukwenzela ukuba igosa eligunyazisiweyo okokuba linikezele ngengcacisolibe nokuchonga:

a) Iirekhodi ezifunekayo;

b) Umenzi wesicelo; kunye

c) Nesizathu esibangela okokuba kufunwe ingcaciso.

5.3.3 Umenzi wesicelo kufuneka achonge ilungelo afuna lisetyenziswe okanye libe nokukhuselwa yaye anikezele ngenkcazelo ebangela irekhodi ibe nokufunelwa ukusetyenziswa okanye ukhuseleko lwelo lungelo.

5.3.4 Ukuba isicelo senziwa egameni lomnye umntu, umenzi wesicelokufuneka angenise ubungqina besikhundla athi umenzi wesicelo asenzela phezu kwaso isicelo ukwanelisa iGosa leNgcaciso.

5.3.5 Umenzi wesicelo wangasese ngumenzi wesicelo ofuna ukufikelela kwirekhodi equlethe ingcaciso yomntu emalunga naloo menzi wesicelo yaye akudingeki ahlawule umrhumo odingwayo. Nawuphi na omnye umenzi wesicelo, onguye umenzi wesicelo ozicelelayo, kufuneka ahlawule umrhumo odingekayo.

5.3.6 IGosa leNgcaciso kufuneka lazise umenzi wesicelo (ngaphandle komenzi wesicelo ozicelelayo) ngesaziso, okokuba umenzi wesicelo udingeka okokuba ahlawule umrhumo ochaziweyo (ukuba ukho) ngaphambi kokuqhutyelwa phambili kwesicelo. Imirhumo echaziweyo incanyatheliswe **kwiSihlomelo B.** Emva kokuba igosa lengcaciso lenze isigqibo ngesicelo, umenzi wesicelo kufuneka aziswe ngokusetyenziswa kwefomu edingekayo. Isithuba esichaziweyo sokuqukunjelwa kwesicelo siya kuqalisa xa kufunyenwe yonke ingcaciso efanelekileyo kunye/okanye amaxwebhu. Esi sithuba sinakho ukwandiswa kwiimeko ezithile.

5.3.7 Ukuba ngaba isicelo sinikezelwe ngoko umrhumo ongaphezulu wofikelelo kufuneka uhlawulwe ukulungiselela ukuveliswa kwakhona, ulungiselelo kunye naliphi na ixesha elidlule kwiiyure ezichaziweyo ukufunwa nokulungiswa kwerekhodi ukulungiselela ukubhengezwa.

5.3.8 IGosa leNgcaciso okanye iSekela leGosa leNgcaciso linakho ukukwala ukufikelela kwiirekhodi phantsi kweemeko ezithile njengoko zinikezelwe kwisahluko sesi-4 soMthetho wokuKhutazwa kokuFikelela kwiNgcaciso, 2000, kwimeko enjalo ilungelo lokubhena liyafumaneka kumenzi wesicelo.

### 5.4 Ukufumaneka ngokuzenzekela kweerekhodi ezithile [ICANDELO 14(1)(e)]

**ISihlomelo D** sichaza amacandelo eerekhodi afumaneka ngokuzenzekela engakhange umntu enze isicelo sokufikelela ngokuhambelana noMthetho.

### 5.5 Amancedo ofumanekayo ngokuphathelele kukuthatyathwa kwamanyathelo okanye intsilelo yokuthatyathwa kwamanyathelo nguMasipala [ICANDELO 14(1)(h)]

Umenzi wesicelounakho ukufaka isibhelo sangaphakathi kugunyaziwe ogunyazisiweyo woMasipala waseDrakenstein kwifomu echaziweyo, ukuba:

5.5.1 Ukuba isicelo sofikelelo saliwe;

5.5.2 Imirhumo ebizwayo ibonakala ingamkelekanga; yaye

5.5.3 Ukuba ngaba isithuba ingcaciso ekufuneka ibhengeziwe sandisiwe liGosa leNgcaciso.

Ifomu echaziweyo elungiselelwe ukubhena kwangaphakathi incanyatheliswe **njengeSihlomelo C.**

Uncedo lokungeniswa kwesikhalazo kuMlawulo weNgcaciso ngokuhambelana nePOPIA phantsi kweemeko ezithile kufuneka ziqatshelwe.

5.6 Kufuneka iqatshelwe into yokokuba isicelo sokufikelela kwirekhodi sixhomekeke kunyino oluthile ukuba ngaba irekhodi ecelwayo iphantsi kwecandelo elithile njengoko kuchaziwe kwicandelo 23(4)(a) lePOPIA elifundwa kunye nePAIA, iSahluko 4 seCandelo 2.

5.7 Apho kurhaneleka ngokwaneleyo okokuba umenzi wesicelo ufumene ufikelelo kwirekhodi ngokungenisa ingcaciso engalunganga engeyonyaniso, okanye ekhohlisayo, uMasipala unakho ukufaka isenzo esisemthethweni esijolise kumenzi wesicelo.

## 6. AMALUNGISELELO AVUMELA UKUTHATYATHWA KWENXAXHEBA/UKUBANDAKANYWA KOLUNTU [ICANDELO 14(1)(g)]

6.1 Ukuthatyathwa kwenxaxheba/ukubandakanywa koluntu kulawulo lukaMasipala kuyalawulwa ikakhulu nguMthetho kaMasipala: weeNkqubo zikaMasipala, 2000 (iSahluko 4) kunye noMthetho wamaCandelo kaMasipala we-1998 (iSahluko 3).

6.2 Ukuthatyathwa kwenxaxheba luluntu kwimicimbi kaMasipala yinto efunekayo kulawulo olulungileyo nokuququzelelwa koku, okulandelayo kuyafumaneka kuluntu ukuze luthabathe inxaxheba:

- IiKomiti zeWodi;
- OoCeba beWodi nooCeba abaziPR;
- Ukunikwa kwengqwalasela kwiMibutho eSekwe kuLuntu, engamaqumrhu aya kubandakanywa kwinkqubo yocwangciso efana ne-IDP njli.njl.;
- Iintlanganiso zothethwano zoHlahlo Lwabiwo-mali/IDP ezisekwe kwiwodi necandelo;
- Ingcebiso evela kuluntu kufuneka ifunyanwe kwimicimbi njengoko ichaziwe ngumthethc kunye
- Neentlanganiso zoluntu xa kuyimfuneko.

Inkcazelo ecalulwe kakhulu iqulathwe kuMgaqo-nkqubo weBhunga wokuThatyathwa kweNxaxhek luLuntu.

# 7 UKUHLAZIYWA NOKUFUMANEKA KWEMANYUWALI YECANDELO 14

## 7.1 Ukuhlaziywa

Imanyuwali iyahlaziywa ze ipapashwe kwiGazethi kaRhulumente ngelo xesha kuyimfuneko.

## 7.2 Ukufumaneka

Imanyuwali iyafumaneka nakuyo nayiphi na kwii-ofisi ezidweliswe ngasezantsi yaye inakho ukuhlolwa:

- KwiDesika yoNcedo, kwiCivic Centre, ePaarl (I-ofisi eyintloko kaMasipala);
- KwiDesika yoNcedo, eWellington Customer Care Centre;
- Kwi-Ofisi kaMasipala eGouda;
- Kwi-Ofisi yeZindlu ePaarl East;
- EMbekweni Customer Care Centre;
- Kwi-Ofisi kaMasipala eSaron;
- KumaThala eeNcwadi eDrakenstein; kunye
- NakwiWebhusayiti kaMasipala.

Imanyuwali ifumaneka nakuye nakubani na umntu xa eyicelile naxa ehlawule isixa-mali esifanelekileyo ngokunjalo nakuMlawuli weNgcaciso xa iceliwe.

## 8. UMTHETHO WOKUKHUSELWA KWENGCACISO YOMNTU (POPIA)

8.1 Ngokuhambela neCandelo 23 lePOPIA, elifundwa kunye necandelo 18 lePAIA, isihloko sedatha (umthengi, umqeshwa okanye ilungu elilelinye). sinelungelo sokucela ingqinisekiso yazo naziphi na iirekhodi eziqulathe ingcaciso yabo njengoko igcinwe nguMasipala. Le ngqinisekiso iya kunikezelwa simahla. Apho ikopi yaloo rekhodi ithe yacelwa inkqubo kunye nemirhumo njengoko ichaziwe kwiPAIA iya kusetyenziswa.

8.2 Ingcaciso yomntu iya kuqwalaselelwa kuphela injongo ethile. UMasipala ekunikezeleni ngeenkonzo nakwiinkqubo zakhe zolawulo lwakhe lwengcaciso yomntu elungiselela iinjongo ezithile, phakathi kwazo:

- Ukuqinisekiswa kokuba ungubani na kunye nenye ingcaciso yomntu yabantu okanye abameli;
  Ukunikezelwa kweenkonzo kwilungu loluntu njengoko kuceliwe ngumntu lowo ze kwavunywa;
- Ukunikezelwa kweenkonzo ngokubanzi;
- Ukuqhutywa kwemisebenzi enxulumene nokubonelelwa kweenkonzo okanye kweentengiselwano;
- Ukulawulwa kobudlelwane;
- TUkubekwa kweliso nokubizwa kwerekhodi ngokunjalo nonxibelelwano lwe-elektronik ngenjongo zoqeqesho, zokulunga, zophando nokuthintelwa kobuqhophololo;
- Ubonelela ngeenkonzo zemali;
- Uvavanya yaye uqwalasela izikhalazo, izicelo zenkonzo, imibuzo, nezicelo, njl.njl.;
- Ugcina ii-akhawunti neerekhodi;
- Ngokuphathelele kuvavanyo lwengozi, kulawulo lokhuseleko lwengcaciso, kwiinkcukacha zamanani, kwiindlela nakucwangciso;
- Ukuxhasa nokulawula umsebenzi kaMasipala;
- Uhlahlelo lophando neenkcukacha zamanani;
- Ukusetyenziswa kweenkqubo zeCCTV ukuthintela nokufunyanwa kolwaphulo-mthetho
- Ukuthintelwa nokufunyanwa kobuqhophololo, ukuzaliswa kwemali, ulwaphulo-mthetho, imisebenzi yorhwaphilizo kunye nezinye iindlela ezingekho mthethweni, kubandakanywa ukuphanda nokutshutshisa;
  Ngokuhambelana neemfuno zomthetho nezinye ezilawulayo, umz., umthetho werhafu;
- Ulawulo lwabasebenzi;
- Ukugcinwa kwee-akhawunti neerekhodi;
- Ukunikezelwa kwenkathalo efanelekileyo kulungiselelwa utyalo-mali neeprojekti;
- Ukulawulwa kwezivumelwano;
- Kwizimangalo zomthetho;

- Ukunyanzelisa okanye ukukhusela amalungelo kaMasipala;
- Nayiphi na enye injongo efanelekileyo yolawulo ngokuhambelana nawo nawuphi na omnye umthetho, umthetho kamasipala, imimiselo, njl.njl.;
- Nayiphi na injongo eyenye enokuchazwa ngokugunyaziswa ngumasipala;
- Naziphi na ezinye iinjongo apho uMasipala anganakho ukwazisa iintloko zedatha kwisaziso esinikezelweyo; kunye
- Nenjongo enxulumene naso nasiphi na isibhengezo esigunyazisiweyo ngokuhambelana nesivumelwano, nomthetho okanye ummiselo.

**8.3 Amacandelo eentloko zedatha - intloko yedatha isenokuba ngumntu okanye ngumntu onegunya**

- **Abasebenzi**;
- Abasebenzi kunye nabaqeshi bemibutho yangasese;
- Amalungu eBhunga;
- Abasebenzi bamanye amaziko karhulumente/amasebe;
- Abafaki bezikhalazo nababuzayo
- Abacebisi;
- Abanikezeli bempahla nabanikezeli;
- Ngenkonzo;
- Iinkampani zangaphandle/iikontilaka;
- Amalungu oluntu kunye/okanye abameli balo;
- Abantu ngabanye abacholwacholwe ngeCCTV imifanekiso/iividiyo; kunye Abanini bezabelo/ amalungu ebhodi/ abalawuli/abaphathiswa.

**8.4 Ingcaciso yomntu siso nasiphi na isiqwenga esirekhodiweyo sengcaciso efanelekileyo kwintloko yedatha, ikwikopi esephepheni okanye ikubume be-elektroniki, kubandakanywa phakathi kwezinye izinto okulandelayo:**

- Uhlanga, isini, amanina namadoda, ukumitha, ubume bomtshato, ubuzwe, ubuhlanga, imvelaphi yoluntu, ibala, ukuziqhelanisa ngokwesondo, ubudala, impilo yomzimba okan' eyengqondo nempilo-ntle;
- Inkolelo, inkolo, isazela, inkcubeko, ulwimi nokuzalwa, imfundo, ingcaciso yonyango neyemali, imbali yolwaphulo-mthetho okanye yengqesho;
- Inani elichongayo okanye umqondiso;
- Ukukhubazeka, iimbono zomntu, uhlobo lwegazi okanye ingcaciso yokufakelwa kweenkcukacha zamanani
- Imbono yomntu okanye ukukhetha kwakhe, imbalelwano yangasese kunye nohlobo lwemfihlo, kunye nezinye izimvo zomntu kunye neembono;
- Apho igama lomntu libonakala nenye ingcaciso yomntu;
- Iipateni - ukuthenga okanye umthengi; kunye
- Idilesi, nokokuba eyi-imeyile okanye yidilesi yendawo, ingcaciso yendawo ngokunjalo nezichongi ezikwi-intanethi kunye neenombolo zemfonomfono okanye ezeselula.

**8.5 Iintlobo zentlelo zengcaciso eqwalaselweyo**

- Iinkcukacha zomntu;
- Iinkcukacha zosapho okanye zomntu ozalana naye kakhulu;
- Indlela yokuphila neemeko zoqoqosho lwentlalo;
- Iinkcukacha zemfundo nezengqesho;
- Iinkonzo ezinikezelweyo nezisetyenzisiweyo;
- Imisebenzi yoshishino;
- Imifanekiso ebonakalayo yabantu echalwacholwe kwiCCTV; kunye
- Iinkcukacha zemali.

8.6 **Itheyibhile elandelayo iqaqambisa icandelo lentloko yedatha eyahlukeneyo kunye nendlela ekuqwalaselwa ngayo ingcaciso yomntungokuphathelele kwelaa candelo lithile lentloko yedatha.**

| ICANDELO LENTLOKO YEDATHA | INGCACISO YOMNTU EQWALASELWEYO |
|---|---|
| Abantu | • Amagama;<br>• Iinkcukacha zoqhagamshelwano;<br>• Iidilesi zendawo neyeposi;<br>• Umhla wokuzalwa;<br>• Inombolo yencwadi yokundwendwela;<br>• Ingcaciso enxulumene nerhafu;<br>• Ubuzwe;<br>• Isini<br>• Imbalelwano eyimfihlelo;<br>• IiRekhodi zePAY;<br>• Iirekhodi zentengiselwano;<br>• Ingcaciso ye-akhawunti (ezifana nezomxhamli)<br>• Idatha yokuchonga, yokuqinisekisa, umz., imifanekiso yotyikityo; kunye<br>• Nenye ingcaciso yomntu njengoko kuchaziwe ngasentla |
| Abantu abasemthethweni okanye amaqumrhu | • Amagama abantu ekuqhagamshelwana nabo;<br>• Igama lequmrhu elisethethweni;<br>• Iinkcukacha zedilesi yendawo neyeposi nezoqhagamshelwano;<br>• Ingcaciso yemali;<br>• Inombolo yobhaliso;<br>• Amaxwebhu okuseka;<br>• Ubume bequmrhu;<br>• Ingcaciso enxulumene nerhafu;<br>• Abatyikityi abagunyazisiweyo, abaxhamli kunye nabanini bokugqibela abaxhamlayo;<br>• Ingcaciso ye-akhawunti;<br>• Iirekhodi zentengiselwano;<br>• Ingcaciso yeB-BBEE;<br>• Ukulinganiselwa kwengozi;<br>• Enye ingcaciso yeprofayile kunye;<br>• Nenye ingcaciso njengoko ibhekiselele |

